Isalathiso: 20190702-6322
Inombolo yefayili: 3/3/2/4/6
Imibuzo: D Pillay

ISetyhula: 0044/2019
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, nakwiiNqununu

Isishwankathelo esifutshane: *Umhlala-phantsi phambi kwexesha elifanelekileyo ngaphandle kwesohlwayo samalungelo epenshini ngokwecandelo 10(3) loMthetho weNgqesho yooTitshala (uMthetho 76 ka-1998) kootitshala kwakunye necandelo 16(6) loMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994 (ISibhengezo 103 ka-1994), njengoko ufakelwe izilungiso kubasebenzi benkonzo karhulumente abaqeshwe liSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED).*

ISihloko: Umhlala-phantsi phambi kwexesha elifanelekileyo ngaphandle kwesohlwayo samalungelo epenshini ngokwecandelo 10(3) loMthetho weNgqesho yooTitshala (uMthetho 76 ka-1998) nangokwecandelo 16(6) loMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994

1. Ngokombono wengqikelelo ekwiNtetho yoHlahlo-mali yango-2019 kaMphathiswa wezeMali nangokungqinelana namaphulo eSebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo (*Department of Public Service and Administration (DPSA*)) noNondyebo kaZwelonke (*National Treasury*) (owaziswe kwiSetyhula i-*DPSA Circular*, yomhla we-25 Februwari 2019, ekwafumaneka kwiziko lewebhu le-*DPSA* apha www.dpsa.gov.za), iSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) alinako ukusigqithisela kubo bonke ootitshala nabasebenzi benkonzo karhulumente *abafanelekileyo (qualifying), isicelo s*okuba bafake izicelo zomhlala-phantsi waphambi kwexesha elifanelekileyo ngaphandle kwesohlwayo kwipenshini ngokwecandelo 10(3) loMthetho weNgqesho yooTitshala (uMthetho 76 ka-1998) nangokwecandelo 16(6) loMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994 *(ISibhengezo 103 ka-1994)*, njengoko ufakelwe izilungiso.

2. Ngokwesikhokelo esibonelelwe yi-*DPSA* kwananjengoko kuyimfuno emiselweyo ukufikelela kwisibonelelo senkxaso-mali eyenziwe nguNondyebo kaZwelonke sokwenza ukuba babenako ootitshala nabasebenzi abangamalungu enkonzo karhulumente

abafanelekileyo ukuthatha umhlala-phantsi waphambi kwexesha elifanelekileyo ngaphandle kwesohlwayo, ***kuyimfuneko kwiSebe iWCED ukuba liphelise isithuba sibe sinye ubuncinane kubaqeshwa ababini abayishiya inkonzo ngokusebenzisa lo mqathango***. Xa kuthathelwa ingqalelo le mfuno imiselweyo ikhankanywe apha ngasentla, iSebe iWCED linoluvo lokuba ukupheliswa kwazo naziphi na izithuba kwizikolo zikarhulumente kuya kuba nefuthe elibi kwezolawulo lwezikolo nokwenziwa kwenkonzo ngokunjalo. Ngako oko, iSebe iWCED linako ukuqinisekisa ukuba aliyi kuthatha nxaxheba kule nkqubo.

3. Kuza kulandelwa inkqubo yangaphakathi yokushiya inkonzo yabo bonke ootishala nabasebenzi benkonzo karhulumente beSebe iWCED ababhengezwe njengabongezelelweyo kwinani lezithuba ezabelwe amaziko. Ingcaciso engaphezulu ngale nkqubo iya kwaziswa kwakuba kugqityiwe ngayo.

4. Kucelwa wazise esi saziso bonke abaqeshwa abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2019-12-05